

# IPALAMENTE YEPHONDO LENTSHONA KOLONI



## INKQUBO YOKWENZIWA KOMTHETHO

Omnye womsebenzi ongundoqo wePalamente yePhondo leNtshona Koloni kukwenzela iNtshona Koloni iMithetho. Umthetho ophakanyisiweyo waziwa njengomthetho oSayilwayo kwaye ungazisa ngMphathiswa wePhondo, yikomiti okanye ilungu lePalamente yePhondo.

Wakube wazisiwe uMthetho oSayilwayo uhamba amanqanaba ahlukeneyo kwiPalamente yePhondo phambi kokuba ubengumthetho. Inqanaba ngalinye (elibizwa njengofundo) kufuneka liphunyezwe ngaphambi kokuba uMthetho oSayilwayo uqhubele kwelinje inqanaba. Ukulungiselela imithetho esayilwayo yesiqhelo kunamanqanaba amabini ze nemithetho esayilwayo yezemali ibenamanqanaba amathathu.

Nje ukuba yasiswe, iMithetho eSayilwayo ifundwa okokuqala ize ihanjiswe kuwo onke aMalungu eNdlu. UNobhala wePalamente yePhondo upapasha uMthetho oSayilwayo iiantsuku ezingama-21 kwiGazethi yePhondo ukulungiselela izimvo zoluntu. Ukuba uMthetho oSayilwayo uqwelaselwa njengongxamisekileyo, iNkulumbuso isenokubeka umthetho wolawulo lokuba kuncitshiswe iiantsuku ezingama-21 zokupapashwa kwawo. Emva kweentsuku ezingama-21 ikomiti esisigxina efanelekileyo iqwalasela uMthetho oSayilwayo, ithabathe la ingqalelo zonke iintetho ezifunyenwe kulumtu nakuamaqela anomdla. Ikomiti isenokubiza iintlanganiso zoluntu ukuze lunike izimvo zalo malunga noMthetho oSayilwayo. Oku kuqinisekisa ingqwalasela enobunono kwaye kuvumela igalelo nentatho-nxaxheba enkulu volantu.

Emva kokuba iqwalasele uMthetho oSayilwayo, ikomiti inika ingxelo kwiNdlu. kwaye inike neengcebiso zokuba uyamelwa, uyakhatywa okanye wamkelekle uMthetho oSayilwayo nezilungiso ezenziweyo.

Inqanaba elilandelayo (ufundo lvesibini) lujongana nemiba nemigaqo yoMthetho oSayilwayo. Umthetho oSayilwayo ubakwingxo-mpikswano yeNdlu Emva kofundo lvesibini uMthetho oSayilwayo ungathunyelwa kwikomiti efanelekileyo ukwenzela izilungiso zokugqibela. Ukuba INdlu yenze isicelo souk. INdlu isenokuwamkela uMthetho oSayilwayo okanye ithathe isiqqibo soMthetho oSayilwayo ngovoto. Ikopi yoMthetho oSayilwayo ophunyezwe yiNdlu ithunyelwa kwiNkulumbuso ukuba iyityikitye (iyivume). Njeukuba iNkulumbuso iwuvume uMthetho oSayilwayo, uba nguMthetho wePhondo.

### UPhunyezo loMthetho oSayilwayo oQhelekileyo wePhondo

#### UMthetho oSayilwayo uyaQulunqwa

(Lisebe likarhulumente, ilungu okanye ikomiti esisigxina)

#### UMthetho oSayilwayo wandlalwa ePalamente

#### Ufundo lokuqala loMthetho oSayilwayo

(Iupapashwa kwiZaziso iMcimbi ezakwa Ndlatwa neeNgxelo zeKomiti)

#### UMthetho oSayilwayo upapashwa kwiGazethiye Phondo ukuze uluntu luhawule

(Uluntu kugheleke ukuba lube neentsuku ezingama21 ukuba luhawule)

#### INkulumbuso iBhengeza uMthetho oSayilwayo njengenyathelo elikhawulezileyo

(IKomiti eSisigxina ijongana noMthetho oSayilwayo phambi kokuba kuphele iiantsuku ezingama-21)-kuphela kwiimeko ezithile

#### UMthetho oSayilwayo uthunyelwa kwikomiti esisigxina efanelekileyo

(IKomiti ingabiza umanyelo-zimvo zoluntu ngenjono yokulungisa uMthetho oSayilwayo)

#### IKomiti ingenisa ingxelo ngoMthetho oSayilwayo kwiNdlu

#### Ingxoxo-mpikswano yofundo lvesibini yoMthetho oSayilwayo

#### UMthethooSayilwayo uyavotelwa

#### UMthetho oSayilwayo uphunyezwa yiNdlu (Ngevoti esisinini)

#### UMthetho oSayilwayo utyikitywa yiNkulumbuso wandule ukupapashwa kwiGazethi yePhondo

#### UMthetho oSayilwayo ubangu Mthetho wePalamente

UMthetho oSayilwayo uyakhatywa yiNdlu (UMthetho oSayilwayo uyaphelela kwaye awunako ukwaziswa kwakhona phambi kwaseshoni elandelayo ePalamente)

